basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**2016**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 70**

**Le memorandam inamaphepha ali-9.**

## ICANDELO A: ISICATSHULWA

## UMBUZO 1

**Umakisho lwesicatshulwa lumi ngolu hlobo:-**

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqondayo, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. (Nangona kunjalo, kunyanzelekile ukuba iimposiso ezikhoyo ziqatshelwe ngokukrwelelwa.)
- Kubaviwa abasebenzise amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityilelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Nangona kunjalo, oku akuchaphazeli iimeko apho kusetyenziswe amagama akwisicatshulwa olunye ulwimi abhalwe ngobunjalo bawo.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizathuuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizathuuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo eziligama elinye aze umviwa anike isivakalisi esipheleleyo, kumakishwa ngokuchanekileyo impendulo elindelekileyo eligama elinye xa ngaba ikrwelelwe/igqanyisiwe.
- Kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, umviwa udwelise uluhlu lweempendulo ezininzi, makisha kuphela ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

1.1 1.1.1 Intlonipho luhloni athi umntu abe nalo lokuhlonela omnye umntu ukususela kongasekhoyo ukuya kutsho kusana oluzalw'izol'oku.√ (1)

1.1.2 Kuye kuthiwe unesidima√/Intlonipho izala isidima.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.3 Intlonipho ibiyinto yokudala imbumba yamanyama kumakhaya nakwizizwe.√ (1)

1.1.4 '... atsho ayidanele loo nto ebeyenzile yaza yamkhupha isidima.'√ (1)

1.1.5 Ibachaphazela ngokubeka amakhaya naphi na√√/Ukungabikho mbeko yokubeka abaphantsi√√/Ukungahlonitshwa kwabaninikhaya lusapho√√/Ukungazihloniphi kwabaninikhaya.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.1.6 Silahleka ngokuthi umninikhaya akwazi ukuncaza icuba enkwenkweni akunqanqatheka√/Xa efika esirhoxweni acele inkwenkwe ukuba ithunge ibhotile okanye isikali abasithengileyo√/ ukuqhuba amatakane agoduke eyimpangampanga xa evela esirhoxweni.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.7 A. Ngumntu onengqondo engasebenzi kakuhle√/A.√/ngumntu onengqondo engasebenzi kakuhle.√ (1)

1.1.8 Ulonwabo, ukutya nendlela yokunxiba konke makwenziwe ngesidima√√/akutshiwo ukuba abantu basetyhini mabangonwabi, mabangatyi izinto abazithandayo kwaye banganxibi izinto zabo zexabiso.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.1.9 Ibonisa umntwana okwaziyo ukulumela uluvo lwakhe√/Ibonisa umntwana ongenambeko.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.1.10 Iqhosha elingenamthunja√/Yimbodlela.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.11 Inganeziphumo ezibi kuba ndiyakholelwa kwimiyolelo√√/ubomi bam bunganamagingxigingxi ngenxa yengqumbo yabo√√/ ndingagula okanye ndonzakale ngenxa yengqumbo yabo.√√

OKANYE

Ayinakundichaphazela kuba andikholelwa kwizinto zemiyolelo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.1.12 Kulungile kuba uye ungashiywa kokuqhubeka elizweni.√√

OKANYE

Akulunganga kuba abantu baphela sebengahlonitshwa ngabancinci kubo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.1.13 Abantu baba zizinto ezingazinto nezilahlekileyo.√ (1)

1.1.14 Yixabise into onayo ukhethe kuphela ezilulutho kwezabanye√√/ akulunganga ukukopa yonke into kwezinye iintlanga√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

## 1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2.1 Umntu omdala usebenzisa umboko ekufutshane nentombazana esemfanekisweni√/intombazana nangona kuthethwa kufuphi kuyo endlebeni ayihoyanga.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.2.2 Ukufaka izikhuseli zokuva ezindlebeni√/ukucofa iselula√/ ukungamnanzi umntu omdala.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.2.3 Iveza ukufuna ukuhoywa√√/Iveza ukufuna eve lo mntu umtsha√√/ Iveza ukusebenzisa amagunya akhe obudala gwenxa√√/Iveza ukuba akayihoyanga impilo yabanye abantu.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.2.4 Azinakuluphucula unxibelelwano xa zisetyenziswe ngendlela engafanelekileyo njengakulo mfanekiso√√/Zingaluphucula unxibelelwano xa zinokusetyenziswa ngendlela efanelekileyo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.2.5 Kwisicatshulwa A kumhlathi wesi-6 wonke umntu uxolele ukungabi nasidima kunokubamba ucwangco√√ ukanti kwisicatshulwa B ngumntu omdala owenza isenzo esingekho similweni sokungxolela intombazana ngomboko.√√

OKANYE

Kwisicatshulwa A abantu abadala abasafuni nokuyiva into yokubizwa sisi, bhuti, tata, mama bekwixabiso lokuhlonitshwa√√ ukanti kwisicatshulwa B intombazana ibonakalisa ukungamhoyi umntu omdala ethetha.√√

(Nayiphi na kwezi) (4)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
    - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
    - Amanqaku ama-3 olwimi.
    - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
    - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
    - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
    - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo naxa becaphule.**
    - 6–7 amanqaku acatshulweyo: akunikezelwa manqaku olwimi.
    - 1–5 amanqaku acatshulweyo: nikezela inqaku libe li-1 lolwimi.

**QAPHELA:**

- **Ubalo-magama**
    - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga. Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

**UMHLATHI**

Yonke into edaliweyo iphiwe ukuba ikwazi ukuthetha ngendlela eyohlukeneyo ukugqithisa ezikucingayo. Kukho ukuqondana okwenzekayo kwizilwanyana zasekhaya nabantu de omnye nomnye abe nokuyazi intetho yomnye. Ikho imingeni yokuqondana ngentetho kwiintlanga ngeentlanga. Ukuthetha kunamacala amabini, elibi nelihle. Ubumnandi bokuthetha bubonakala kwindoda ethetha kuba ikhathazwa kukungahambi kakuhle kwemicimbi yekhaya. Ububi bokuthetha buvela xa athe omnye wahleba omnye de oko kufikelele kulowo uhletywayo. Kuyonwabisa ukuthetha kwembongi ethi iyolise ithethe ingacezeli nto kuba inegunya loko.

[70 amagama]

Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo.

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Ukuthetha sesinye sezipho zendalo ezanikwa izidalwa ukuze zibe nakho ukudlulisela oko zikucingayo, zikugqithisela kwezinye izidalwa ngokohlobo lwazo.' | 1. | Yonke into edaliweyo iphiwe ukuba ikwazi ukuthetha ngendlela eyohlukeneyo ukugqithisa ezikucingayo. |
| 2. | 'Kwezasekhaya izidalwa ezihlala nomntu imihla ngemihla, umntu ude abe nokucaphula intwana entethweni yazo, nazo zicaphule intwana kweyakhe intetho.' | 2. | Kukho ukuqondana okwenzekayo kwizilwanyana zasekhaya nabantu de omnye nomnye abe nokuyazi intetho yomnye. |
| 3. | 'Obu bunzima bokuyiqonda intetho bukho naphakathi komntu nomnye umntu xa abo bantu bahlukene ngobuhlanga.' | 3. | Ikho imingeni yokuqondana ngentetho kwiintlanga ngeentlanga. |
| 4. | 'Ukuthetha kumnandi, ukuthetha kubi.' | 4. | Ukuthetha kunamacala amabini, elibi nelihle. |
| 5. | 'Kumnandi ukuthetha kwendoda emxhelo wophukileyo ngokonakala kwezinto zakowabo.' | 5. | Ubumnandi bokuthetha bubonakala kwindoda ethetha kuba ikhathazwa kukungahambi kakuhle kwemicimbi yekhaya. |
| 6. | 'Kubi ukuthetha komntu ohlebayo obadla izithende abanye abantu, kuthi kuba umlomo awubekwa siziba, loo ntlebendwane ibuye ize kufika ezindlebeni zalowo ubehletywa.' | 6. | Ububi bokuthetha buvela xa athe omnye wahleba omnye de oko kufikelele kulowo uhletywayo. |
| 7. | 'Kumnandi ukuthetha kwembongi, ethi kuba yona inelungelo lobumbongi, ibacubhule abantu ngokuthetha izinto ezi zingathethwayo.' | 7. | Kuyonwabisa ukuthetha kwembongi ethi iyolise ithethe ingacezeli nto kuba inegunya loko. |

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Ukumakisha iCandelo C**

- Upelo
  - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa ngaba isiphene eso sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.

- Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

## UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Sijoliswe kubanini mashishini√/Sijoliswe kubantu abaneengxaki kumashishini abo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.2 Kukutsala umdla kubasebenzisi bale nkonzo ithengiswayo√/Kukuloba oosomashishini√/Kukutsala umdla woosomashishini/Ligama leshishini elikhuphe intengiso.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.3 'Uqhwanyaza nje iliso, libe ishishini lakho seliyiphindaphinda kalishumi ingeniso'√√/luyaphela nya ukruthakruthwano kubasebenzi, kubuye isidima babe yimbumba yamanyama.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

3.4 Kubonisa ukungavani√/Kubonisa ukruthakruthwano√/lilelo lizimisele ukuphumelela.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

3.5 Baba nabasebenzi abavanayo√/amashishini abo aba nengeniso ephindaphindwe kalishumi.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.6 Uphuhlisa uluvo lokuba ukruthakruthwano aluyonto yabantu abangamadoda okanye abangabafazi√√/Iingxwaba-ngxwaba emisebenzini azinandoda nabhinqa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

3.7 Ngxamela.√ (1)

3.8 'Umanyano ludala uqilima'√/'Imbumba yamanyama'√/'Ukwahlukana kwethu kukuwa kwethu'√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)
**[10]**

## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

4.1 Uveza umntu ocela ngokuzithoba kuba udibanise izandla njengomntu okhongozeleyo√√/Uveza umntu ocelayo eyilangazelela ngokukodwa le nto ayifunayo kuba udibanise izandla njengomntu okhongozeleyo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.2 C. Khawundiphe√/C√/Khawundiphe.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.3 Ungumntu okuhoyileyo okusingqongileyo.√ (1)

4.4 Lwenza ungcoliseko lomoya.√√ (2)

4.5 Injongo yale khathuni kukunika umyalezo wokuba sonke sinegalelo kungcoliseko lokusingqongileyo.√√/Injongo yale khathuni kukunika umyalezo wokuba ungcoliseko lomoya lubeka impilo yoluntu esichengeni. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.6 Unomsindo kuba umqhubi emqhumisela ngomsi.√√/Unomsindo kuba umqhubi uthetha into angayenziyo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: ISICATSHULWA

5.1 Sicacisa indawo.√ (1)

5.2 Isibayiyo√/Isibayiyo sotyumbo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.3 Siqala isivakalisi√/Sime endaweni yenjongosenzi√/Sime endaweni yesibizo√/ Sisungula isivakalisi.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.4 Waqubisana√/Wadibana√/Wahlangana.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.5 Yiyo ke le nto namhlanje beya kuhlangabezana ngobubele.√√ (2)

5.6 Kungokunje uMnu.√Thomson lo wayesele esisigwili. (1)

5.7 Sisivumelanisi sentloko.√ (1)

5.8 Akazange√abe√lusizi kunene. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**